URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Ian de Vega**
ICandelo eliyiNtloko loLawulo lwezoBuntlola boKwenziwa koMsebenzi
Ian.deVega@westerncape.gov.za | 021 467 9323

Inombolo yefayili.: 8/7/1/1/2/WCED/Broadband 2.0
Isalathiso: 20250805-5677

ISetyhula: 0024/2025
Umhla wokuphelelwa: 28 Februwari 2026

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kwiiNtloko (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente

Isishwankathelo esifutshane: *ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) liphucula iziseko zophuhliso ze-intanethi kwizikolo ezikhethiweyo ngeprojekthi ye-*Broadband *2.0 ekufuneka kulungiselelwe ukungena (access)* kwababoneleli-nkonzo *kuzo.*

**Isihloko: Ukungena kwababoneleli-nkonzo ezikolweni ukwenzela ukutshintshwa nokufakelwa kweziseko zophuhliso ze-intanethi.**

1. URhulumente weNtshona Koloni, ngeCandelo i-*Connected Government Buildings and Schools*, njengangoku uqalisa iprojekthi ye-*Broadband* 2.0 kwizikolo neefasilithi ezikhethiweyo kwiphondo liphela. Eli phulo liyinxalenye yeenzame eziqhubekayo ze-*WCED* zokuphucula uqhagamshelwano nokufikelela ku-intanethi ngezixhobo zethekhilonoji ekufundiseni, ekufundeni nakwezolawulo.

2. Njengenxalenye yoku kuqaliswa kwale projekthi, iSebe iWCED licela intsebenziswano yezikolo ekuvumeleni i-*Liquid Intelligent Technologies* kunye/okanye nababoneleli-nkonzo abaqeshiweyo ukuba bangene esikolweni benze oku kulandelayo:
   (a) Ukuqinisekisa ukuthembeka kwe-*broadband cabinet*
   (b) Ukususwa kwezixhobo ezidala eziphelelelwe lixesha
   (c) Ukufakelwa kwezixhobo ezitsha (*router/switch, power monitoring device, cabling)*
   (d) Ukufakelwa kwezixhobo ezitsha ze-*Wi-Fi* kawonke-wonke, apho kufanelekileyo.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

3. Bonke ababoneleli-nkonzo kufuneka baphathe isazisi esisemthethweni yaye kufuneka baqapheleke ngokulula xa besiza kumasango esikolo. Ukwenzela ukubangqinisisa ababoneleli-nkonzo, kufuneka bacelwe ukuba benze oku kulandelayo:
   (a) bazichaze xa befika naxa behamba;
   (b) bachaze ngokucacileyo injongo yabo yokuba sesikolweni; yaye
   (c) basayine irejista yeendwendwe zesikolo baze banike neenkcukacha zabo zoqhagamshelwano.

4. Ngethuba lenkqubo yokususwa nokutshintshwa kwezixhobo, kuya kukhutshwa uluhlu lokutshekisha ukuze luzaliswe yaye lusayinelwe.

5. Ababoneleli-nkonzo mabaqinisekise ukuba zonke iinkonzo ezichaphazelekayo ziyasebenza phambi kokuba baphume kumasango esikolo.

6. Ukuhambela izikolo kuya kucwangciswa kwangaphambili kuze kuququzelelwe nabaphathi abazii-*Technology and Facility managers* abachaphazelekayo ukuqinisekisa ukuphazamiseka okungephi ekufundiseni kwimisebenzi eyenziwayo esikolweni.

7. Ngemibuzo enxulumene neprojekthi ye-*Broadband* okanye ukuba kukho imingeni eniyifumanayo, kucelwa niqhagamshelane ne-*Schools IT Service Desk* ngezi nkcukacha zilandelayo:
   *Tel. no*.: 021 834 4690
   *WhatsApp:* 021 900 7123
   I-Imeyili: SchoolsIT.Servicedesk@westerncape.gov.za

8. Siyabulela ngentsebenziswano nenkxaso yenu enihlala nisinika yona.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2025-08-29